Province of the EASTERN CAPE EDUCATION

**NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

# IBANGA 12

## SEPTEMBA 2022

# ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2

**AMANQAKU:** **80**

**IXESHA:** **2½ iiyure**

Olu viwo lunamaphepha angama-27.

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda imiyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphephа lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

   ICANDELO A: ISihobe (30)
   ICANDELO B: INoveli (25)
   ICANDELO C: IDrama (25)

4. Phendula imibuzo emiHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, omNYE kwiCANDELO B, nomNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE
   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo emiBINI
   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: Ngumbuzo ONYANZELEKILEYO

   ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI
   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA
   Phendula umbuzo omNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KWICANDELO B (INOVELI/UNCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA).

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli/uncwadi lwemveli nakwidrama oyifundisiweyo.
   - Phendula UMBUZO OSISINCOKO omNYE kunye NOMFUTSHANE ube mNYE.

   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.
   Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisiti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

- Umbuzo osisincoko kwiSihobe kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama ali-190–240.
- Umbuzo osisincoko kwiNoveli/kwincwadi Lwemveli neDrama kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama angama 340–390.
- Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

7. Landela imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kweCANDELO ngaliNYE ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela indlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO ngaliNYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

    ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
    ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
    ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**ITHEYIBHILE YESIQULATHO**

**ICANDELO A: ISIHOBE**

**Imibongo efundisiweyo**: **Phendula NAYIPHI na imibuzo emiBINI.**

| INANI LOMBUZO | | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|---|
| 1. | UNozakuzaku | Umbuzo osisincoko soncwadi | 10 | 6 |
| | | | | |
| 2. | Intliziyo yam | Umbuzo omfutshane | 10 | 7 |
| | | | | |
| 3. | Umyolelo wexhego | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| | | | | |
| 4. | Ithemba | Umbuzo omfutshane | 10 | 9 |
| **KUNYE** | | | | |
| **Umbongo ongafundiswanga. Kunyanzelekile ukuba uwuphendule.** | | | | |
| 5. | Ixesha lembalela | Umbuzo omfutshane | 10 | 10 |

**QAPHELA:** Phendula umbuzo omNYE OSISINCOKO nombuzo omNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

**ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI**

**Phendula umbuzo omNYE**

| INANI LOMBUZO | | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|---|
| 6. | *Inkaw'idliw'ilila* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 11 |
| | | | | |
| 7. | *Inkaw'idliw'ilila* | Umbuzo omfutshane | 25 | 12 |
| | | | | |
| 8. | *Nyana wam*! *Nyana wam*! | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 14 |
| | | | | |
| 9. | *Nyana wam*! *Nyana wam*! | Umbuzo omfutshane | 25 | 14 |
| | | | | |
| 10. | *Ukhozi olumaphiko* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 16 |
| 11. | *Ukhozi olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 16 |
| **OKANYE** | | | | |
| 12. | *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 18 |
| | | | | |
| 13. | *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo omfutshane | 25 | 18 |

## ICANDELO C: IDRAMA

**Phendula umbuzo omNYE.**

| INANI LOMBUZO | | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|---|
| 14. | *Buzani kubawo* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 22 |
| | **OKANYE** | | | |
| 15. | *Buzani kubawo* | Umbuzo omfutshane | 25 | 23 |
| | | | | |
| 16. | *Indlal' inamanyala -* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 25 |
| | | | | |
| 17. | *Indlal' inamanyala* | Umbuzo omfutshane | 25 | 25 |

**QAPHELA:** **KUMACANDELO B no C,** qiniseka ukuba uphendule umbuzo **OSISINCOKO OMNYE** nombuzo **omNYE OMFUTSHANE**.
Nceda ungaphenduli imibuzo emiBINI ezizincoko okanye imibuzo emiBINI emifutshane.

### ULUHLU LOKUKHANGELA (ITSHEKHLISTI)

Sebenzisa le tshekhlisti ukuqinisekisa ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

| ICANDELO | | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | TIKISHA NGASEZANTSI |
|---|---|---|---|---|
| A | Isihobe (ISihobe esifundisiweyo) | 1–4 | 2 | |
| | Isihobe (ISihobe esingafundiswanga) | 5 | 1 | |
| B | Inoveli Noncwadi Lwemveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE omfutshane) | 6–13 | 1 | |
| | | | | |
| C | Idrama( Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE omfutshane) | 14–17 | 1 | |

## ICANDELO A: ISIHOBE

### IMIHOBE YESIXHOSA – B. Ngombane

### IMIYALELO

- Kweli CANDELO kubuzwe imibongo nezibongo ezine ezifundisiweyo nombongo omNYE ongafundiswanga.
- Umviwa ulindeleke ukuba aphendule nayiphi na imibuzo emiBINI ebuzwe kwimibongo OKANYE kwizibongo ezifundisiweyo; kunye nombuzo omNYE kumbongo ongafundiswanga OKANYE isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongombongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qiniseka ukuba uphendule imibuzo emiTHATHU kweli candelo.

Ubude bempendulo yombuzo osisincoko buphakathi kwe-190–240 amagama.

### IMIBONGO EFUNDISIWEYO

Phendula NAYIPHI NA imibuzo emiBINI.

### UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

**UNOZAKUZAKU – Z.S. Qangule**

Nanko k’ esiz’ ehamb’ exhakazela,
Abafazi bemhewula, zimkhonkoth’ izinja.
Iinkomo ziphi, luphi na lon’ uswazi?
Azi waze njani na? Isazimzi k’ eso.

Imbeko nemibuz’ emlindeleyo kwelo khaya.
Kodwa ke yinkabi yamalang’ ekad’ inetha.
Indlel’ ayaziwa mntu kodw’ umhambi wayo,
Kuthenjwe yena ngasemv’ ujongiwe ngaphambili.

Iinyawo zakhe ziluvil’ uthuli lwendlela,
Nentloko yakh’ ulophu lwasehlotyeni.
Izithuko zakhe ziviwe ngamathafa, nemimango,
Ngasemva kweenkomo eziya kulobola.

Lo mf’ akamntwana kodw’ akaxhego,
Izicithi ziwubonile umtsi wakh’ edlula.
Lithemb’ elingafuni kudanisa mntu,
Isiqalo ndawonye nesiphelo sendaba nguye.
..................................................................
Ubuwaqhuba ngantoni na mfondini la mathole,
Wawuwaze njani na wona lo mzi?
Ubon’ abafazi nabantwana bezixhwithela kuye,
Wongena ephuma ke ezama ukuzikhusela.

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula umbuzo osekwe kuso.

Cazulula isigama esiqulethe uluvo lokuba awululanga umsebenzi kaNozakuzaku ngokwesi sicatshulwa sombongo. **[10]**

## UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo esekwe kuwo.

**INTLIZIYO YAM – C. NQAKULA**

Intliziyo yam indityhilela izinto ezininzi;
Iyandityhoba yakuthanda, indisindise kananjalo.
Hayi madoda! Unzima lo mthwalo!
Umkhonto ololwe walubengu, awubinzi
Udale amanxeba afana nawale ntliziyo**,**
Mhla izanyazanyiswe yadutywa zizilingo,
Eziza ngongcwalazi, ezinzulwini zobusuku nangesifingo
Okanye ndityholwa ngezinto endingazaziyo.

Intliziyo yam lusindiso lwam;
Intliziyo yam kukutshabalala kwam;
Indikhaphela ezindleleni zobulungisa;
Kanti nakwezingendawo iyandisa.

Mandiyithini ke le ntliziyo,
Xa imkhonza ngolu hlobo umniniyo?

2.1 Xela zibeMBINI izinto eziyenza buhlungu intliziyo ngokwesitanza soku-1. (2)

2.2 Chaza iindawo eziMBINI ezingafaniyo emsa kuzo intliziyo umniniyo ngokwesitanza sesi-2. (2)

2.3 Ugqamisa ukuba ivakalelwa njani imbongi ngentliziyo umbuzobuciko okwimiqolo embini yokugqibela yalo mbongo? (2)

2.4 Ludalwe njani undindwano kulo mbongo xa uwonke? (2)

2.5 Nika zibeziBINI izilumkiso ozibhekisa kubantu abathembe intliziyo emva kokufunda lo mbongo. (2)
**[10]**

## UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo esekwe kuso.

**UMYOLELO WEXHEGO – C. NQAKULA**

Maze uzikhethe izihlobo ngenyameko;
Izihlobo zokwenene zinesithatha sembeko,
Esiya kukhanyisa neyakho indlela wakuba ulahleka;
Ngenxa yazo nawe uya kwakheka.

Maze ululame, nyana wam, ke ngoko,
Emva kwexesha uya kusibona isiqhamo soko;
Abantu baya kuzivula iintliziyo zabo kuwe,
Bakuphakamisele phezulu ungaze uwe.

Umntu omkhulu nomnci naye, mbeke;
Oswele izambatho kambe, maleke.
Ucango lwendlu yakho **maze ungaluvali**;
Uncede mihla le kodwa ungabali.

Ingqondo yakho mayisoloko iphaphile,
Umphefumlo wakho usoloko uthozamile.
**Maze ungasoloko** ufinge iintshiyi;
Khululeka ukuze abantu bangakushiyi.

Zungemi ezimbobeni ubethe imilozi
Zungabiyongcuka eqwengayo, ungabi lulo nokhozi
Nyana wam zube ngumkhonzi onyanisekileyo.
Ohlakaniphileyo, othobileyo, intsika ethembekileyo.

3.1 Nika isiyalo esiqulethwe sisitanza ngasinye kwezibini zokuqala zesi sicatshulwa sombongo, ngolu hlobo;

(a) Isitanza 1
(b) Isitanza 2 (2)

3.2 Chaza zibeziBINI iziphumo zokululama ngokwesitanza sesi-2. (2)

3.3 Kugqamisa ukuba inaluvakalelo luni imbongi ukuphindwa kweziyalo ezinqandayo ezibhalwe ngqindilili? (2)

3.4 Ludalwe njani undindwano kwesi sicatshulwa sombongo xa sisonke? (2)

3.5 Nika zibeziBINI izilumkiso ozibhekisa kubantu abahlelisene kakubi emva kokufunda esi sicatshulwa sombongo. (2)

**[10]**

## UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo esekwe kuso.

**ITHEMBA – S.E.K. MQHAYI**

Singenzani n' emhlabeni,
Sizuzeni n' elizweni,
Xa singenalo ithemba,
Intsusa yokusebenza?

Singakwenza n' ukulima,
Sikuyeke ukulila,
Singayifuya n' imfuyo,
Xa ithemba lingekhoyo!

Makafundiswe ithemba,
Aphakanyiswe lithemba,
Limhambisele phambili,
Limngenise ezulwini.

Le n't ithemba iyinzulu,
Kwezomhlaba kwezezulu;
Ongenathemba ufile;-
Siph' ithemba ze siphile.

4.1 Xela zibeMBINI izinto esithandabuza ukuba zingenzeka isitanza soku-1 xa lingekho ithemba. (2)

4.2 Chaza zibeziBINI iziphumo zokufundiswa ithemba ngokwesitanza sesi-3. (2)

4.3 Zigqamisa ukuba ivakalelwa njani imbongi ngomntu ongenathemba izitanza ezibini zokuqala zesi sicatshulwa sombongo? (2)

4.4 Ludalwe njani undindwano kwesi sicatshulwa sombongo xa sisonke? (2)

4.5 Nika zibeziBINI izilumkiso ozibhekisa kubantu abangenathemba uthathela kwesi sicatshulwa sombongo. (2)

**[10]**

## UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: KUNYANZELEKILE UWUPHENDULE

## UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo esekwe kuso.

**IXESHA LEMBALELA – NT Ngamile**

Lixesha losizi nembandezelo,
Lixesha lexhala nonxunguphalo,
Indlala yon' iba bomvu krwe,
Oongxawu bahlala bekhedamile,
*Ligqub' inxele likakhetsekile*
Zisal' iintsana zikhedamile
Ngexesha lembalela.

Lixesha losizi nentswelo
Iinkomo zifa zifumbe,
Ahlinze amadoda ahlinze;
Zisal' iintlanti zize.
Buyaphanz' ububel' ebantwini,
Buyabhang' ubunt' ebantwini
Ngexesha lembalela.

Lixesha losizi nexhala,
Umbon' olusiz' umhlab' **umpatsha-mpatsha,**
Umbon' olusiz' umhlab' uphalala,
Umbon' olusiz' izityalo zibhanga,
Lonk' olo hlaza luhle luyavuthuluka,
Umhlab' usal' ukhedamile
Ngexesha lembalela

5.1 Xela zibeMBINI iimpawu zexesha lembalela ngokwemiqolo 1–2. (2)

5.2 Caphula umqolo ontsingiselo nye nowesi-5 kwisitanza soku-1. (2)

5.3 Xela udidi lophindaphindo olukwimiqolo ye-12–13 wandule ukuchaza olukuqaqambisa ngefuthe lexesha lembalela ebantwini. (2)

5.4 Tyhila umfanekisontekelelo eliwudala ngomhlaba igama elibhalwe ngqindilili kwisitanza sesi-3. (2)

5.5 Inanjongo ni imbongi ngalo mbongo? (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezintathu noNcwadi Lwemveli.
- Khetha umbuzo kwiNoveli/kuncwadi lwemveli olufundisiweyo.
- Kwinoveli ngaNYE nakuNcwadi Lwemveli kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI nombuzo OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo wesi-6 ukuya kumbuzo we-13.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA**: Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI (kwinoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwidrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli/Ncwadi Lwemveli), KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwidrama).

### INOVELI

Phendula UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO) OKANYE UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### INKAWU IDL'IWILILA – S. KULA

Xoxa ngendima ayidlalileyo amatyotyombe aseZamokuhle kulwaphulomthetho olukule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**OKANYE**

## UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## INKAWU IDLIW'ILILA – S. KULA

Funda izicatshulwa zenoveli ezingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

"Eyona nto kusenzeka le ntlekele nje wena sis' Mpumi, besikhe salwa kakhulu noMsindisi, kwaye loo nto ikhaya lakhe liyayazi lonke", watsho ethethela phantsi uThantaswa. Wothuka uNompumelelo akuva izinto zengxabano kodwa waqonda ukuba makabe ngumzali apha kuThantaswa xa ebonakalisa ukumthemba.
"Ungafane uzixhalise ngaloo nto Thantaswa. Abantu kaloku basoloko benamabali angummangaliso kwakusweleka umntu ngequbuliso. Akusoze umncede umntu kwaye ukuba ungaphikana naye ungaligeza elingevi nentambo," Watsho uNompumelelo esothukile.
"Yonke into iza kudyijelwa apha kum ngenxa yaloo nto," watsho efixiza kakhulu uThantaswa.
Ndiyayazi loo nto Thanti. Mna ukusweleka komyeni wam ndaphants' ukungcwatywa ndihleli ngabantu bakowabo. Ndandihleli emthandazweni ngalo lonke ixesha. Ngethamsanqa, lathi neloo tyala ndandibhutywa ngalo uMdali wenza ukuba liphelele apha emoyeni. Ndithetha nawe nje bathi bakundibona bajonge phantsi bafake imisila phakathi kwemilenze.' Wantyuntya watsho uNompumelelo engazi yena ukuba uThantaswa uyabazi ubunyani beli bali lakhe.
"Nam ndiyakuhlala ndiyibiza iNkosi ukuze ibe ngecala lam," watsho ngesingqala uThantaswa.
**Yomelela ntombazana. Kuthiwa ilanga alitshoni kuphele, koko likhanyise kwelinye icala lehlabathi. Ngoko ke liseza kubuye likhanyise nakweli lakho icala kwakhona**," wamthuthuzela ngelo uNompumelelo.

7.1 Chaza intlekele athetha ngayo uThantaswa kwisicatshulwa. (2)

7.2 YINYANI/BUBUXOKI ukuba uMdali wenza laphelela emoyeni ityala awayebhutywa ngalo uNompumelelo? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.3 Khankanya isohlwayo asinikwe ngumbhali uThantaswa ngenxa yesenzo sobugebenga abandakanyeke kuso. (1)

7.4 Ingaba esi sicatshulwa sinika umelo oluhle lwezimo zabantu ababhinqileyo? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.5 Chaza zibeziBINI izenzo ezahlukeneyo zesipolisa ezikhulise ulwaphulomthetho olukule noveli. (4)

## ISICATSHULWA B

“Umfazi kaNqoza, uThembakazi, wayesel’ ebakrobele aba babini ukuba banomkhutyana obadibanisayo. Babemana ukumya ngamehlo. Wayesithi akusondela kufuphi nabo bathethele ezantsi. Ukuphuma kwakhe apho waya kuyixelela uThantaswa loo nto uMfuneko. Wathi uThantaswa akuyiva, wothuka wangcangcazela. ‘Kanti Mfuneko, ufa nini lo Mapheza unezothe?’ wabuza uvalo ludubula ngamandla uThantaswa. “ Ndicinga ukuba ndikhe ndimyele exhweleni lam, uSiphongo, kula matyotyombe aseZamokuhle, kuba kunzima ukumzuma ngembumbulu. Okokoko waphanda eli tyala usoloko engahambi yedwa.’ Iza kulibazisa into yexhwele. Ufuna umpu phakathi kwamehlo qha lo Mapheza,’ watsho uThantaswa.

‘Ndicinga ukuba lilinge lokugqibela elo, Thanti. Umfezeko inye imini yakhe, yimini ekuya kungcwatywa ngayo uHlomlani. Ukuba uSiphongo angandinika umalingatshoni, ngokwenene loo mini ingatshona naye uMfezeko, watsho uMfuneko.

‘O unyanisile Mfuneko, kuba nabantu baya kucingela ukuba udliswe ngabapheki okanye unikwe ipleyiti ebingezi kuye, watsho ngaloo ndlela wasweleka,’ watsho uThantaswa owayesele elivuyela eli cebo likaMfuneko. Umfuneko uphumile kancinci emxholweni wathetha enye into abesel’ eyilibele uThantaswa. “Ungalibali kaloku ngomso, Thanti,’ watsho uMfuneko emjongile. “Ndingalibali ntoni? Wabuza esithi xhungu uThantaswa. “Ubungathanga ngomso uza kudibana kwenye ihotele noMnumzana Mdlambila? Kanene! Undincedile Mfuneko, uyayazi?’ Kaloku uMfuneko walivuma icebo lokunyoba uMdlambila.

7.6 Chaza umkhutyana odibanisa uNqoza noMfuneko nesiphelo sawo kule noveli. (2)

7.7 Khankanya ibeNYE inkawu edliwa ilila kule noveli. Cacisa isizathu sokuba utsho. (2)

7.8 Nika zibeMBINI izinto ezikwisicatshulwa ezidiza ukuba ibali lale noveli liqhubeka ngala maxesha okhanyo. (2)

7.9 Chaza ukuba esi sicatshulwa siwuvelise njani umxholwana wokungcatshana esipoliseni. (2)

7.10 Cacisa ukuba esi sicatshulwa sibaphuhlisa njani ngabanye ukuba uMfuneko noThantaswa bawalandele amagama abo. (2)

7.11 Khawunike uThantaswa izilumkiso zibeziBINI ngoMfuneko wale noveli. (4)

**[25]**

**UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

**NYANA WAM! NYANA WAM! – WK TAMSANQA**

Xoxa ngendima esiyidlalileyo isazela ekukhuleni kobufundisi bukaThole kule noveli. **[25]**

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390.

**UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**NYANA WAM! NYANA WAM! – WK TAMSANQA**

Funda ezi zicatshulwa zenoveli zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA C**

"Sukelani eAlbert Street ecaweni ukuba nifuna ukumbona." Batsho beqinisa ukuya kungena ezimotweni zabo beqhumisa uthuli ukulandela, enjenjalo amapolisa ukukhwaza sele efumene indlela yokuchitha abantu. Wavakala nombhobho wokukhwaza usitsho,*' Akakho apha umkile! Sukelani e-Albert Street ecaweni yamaWesile!"*

Hayi yayinguwashiywa ukuya ezimotweni nasezibhasini, yayilukrozo iimoto ukusuka eKempton Park apho iJan Smuts ikhona ukuya kuqabela eRhawutini.

Ngomzuzwana omncinci kwakhala ibhungane esikhululweni eJan Smuts kodwa abanye basala beziindwane belimele kukuxovulwa ngabanye. Isihlanu sona itshoba lalala umbethe, yathutha ithuthile inqwelo yezigulane ukusa esibhedlele. Akuzanga kube kudala befikile Albert Street lazala lema ngeembambo elo holo laseWesile abantu bengena benga bayagityiselwa besukela iindawo zokuhlala. Wayelapho umfundisi uMaqoma waseNxukhwebe noShepherd weDike lodumo. Kuthe emva kwezithethi ezibini nezithathu ezithe zathetha waphakama umbambi-ntambo wathi, 'Ke mzi wakowethu sibulela <u>ubukho booyise balo mntwana</u> phakathi kwethu ngale mini, phakamani banibone abantu befundisi.'

Zaphakama ezi ndedeba zombini zihleli ndaweninye zanqwala kunye ngeentloko zibulisa eso sihlwele. **'Uphuma ezandleni zala madoda lo mfana singaye apha**' watsho ebukhomba. 'Ke mawethu', uqhube watsho umbambintambo, 'ndicinga ukuba soba siphambukile emgceni ukuba asinakukhe sinikele komnye wabo akhe enze amazwi.' 'Wabonakala uMfundisi uShepherd ekrweca uMfundisi uMaqoma ukuba athethe.'

9.1 Chaza ukuba babengooyise bakasingaye njani abaphakanyiswayo. (2)

9.2 YINYANI/BUBUXOKI ukuba uThole wayengumfundisi ophume izandla? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.3 Khankanya isohlwayo asinikwe ngumbhali uThemba ngezenzo zakhe kule noveli. (1)

9.4 Ingaba le noveli inika umelo oluhle lwezimo zabefundisi? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.5 Chaza zibeMBINI iindlela ezahlukeneyo ezidubulise isazela sikaThole kule noveli. (4)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA D**

‘Uyaphupha torwana!’ wamana ukutsho uThozama ebona olo ncumo. Koko kumana ukumbamba ebunzi ukhe wabonakala esithi xhungu uThozama emondela ngokungathi ngumntu lo onanto ayiqaphelayo.
‘Yintoni mama!’ wabuza umfundisi esothuka, ephakama esihlalweni sakhe esondela, ecinga ukuba makube umntu uyaqhawuka. Uthe ukuba asondele umfundisi yamondela inkosikazi yakhe ebusweni yabuya yajonga kweli xhego yavakala isithi, ‘Papa!’ kaloku ngoku uThozama wayengasatsho ukuthi ‘Bhuti Thole’ kuMangaliso, wayesithi Papa, ‘Mama!’ wasabela watsho umfundisi.
‘Khangela!’ watsho ekhomba isiva esisebusweni exhegweni. ‘Khangela!’ uphinde watsho ekhomba eso sasisebusweni ku-Mangaliso.
‘Ke?’ watsho umfundisi ejonge kuThozama. ‘Isn’t it funny?’ wabuza uThozama ngesiLungu. **‘What’s funny about a scar?**’ uphendule ngombuzo watsho uMangaliso.
Uphindile uThozama waya esinqeni kweli xhego ekhumbula into ebekhe wayibona xa ebeliphatha-phatha liyoba. Unyuse ihempe kancinci ezantsi kwenkaba wakhombisa uMangaliso esithi, ‘Khangela!’
‘Ngumkhango lowo,’ watsho uMangaliso engayazi intsingiselo yokuba akhonjiswe umkhango wexhego.
‘Andithi nawe unawo?’ ubuze watsho uThozama. ‘Ewe ndinawo, ke?’
‘Hayi, Papa maan, niyafana nalo tata, ngaphandle kwezi zinto ndizikhombayo, ingxam nje le yobuso nguwe kanye,’ wadanduluka watsho uThozama ekhwaza.
‘Sh-hh!’ watsho uMangaliso emtsibela embamba emlonyeni efuna angafundekeli owayelele.
‘Isenokwenzeka into yokufana kwabantu, mama, nokuba abazani, kaloku abantu bambala-nkomo, …

9.6 Chaza into edibanisa uMangaliso nexhego elikwisicatshulwa uchaze nesiphelo sabo kule noveli. (2)

9.7 Khankanya abemNYE umlinganiswa osebenzise intetho ethi “Nyana Wam! Nyana Wam!” kule noveli. Cacisa isizathu sokuba ayisebenzise. (2)

9.8 Nika zibeMBINI izinto ezikwisicatshulwa ezidiza ukuba ibali lale noveli liqhubeka ngala maxesha okhanyo. Xhasa impendulo yakho. (2)

9.9 Chaza ukuba esi sicatshulwa siwuvelise njani umxholwana wokuzalana kwabekhaya. (2)

9.10 Cacisa ukuba le noveli ibaphuhlisa njani ngabanye ukuba uMangaliso noThozama bawalandele amagama abo. (2)

9.11 Khawunike uThole izilumkiso zibeziBINI ngabahlobo bakhe kule noveli. (4)
**[25]**

**UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

**UKHOZI OLUMAPHIKO – N. SAULE**

Xoxa ngendima edlalwe kukuphila kokhozi ngaphakathi kuMfazwe kule noveli. **[25]**

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390.

**UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**UKHOZI OLUMAPHIKO – N. SAULE**

Funda ezi zicatshulwa zenoveli zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E**

Ndakuqaphela ezitratweni ndafika kubhaca wonke umntu, omncinci nomdala, owesikolo nongengowasikolo. Amabhayi abafazi ayethe naa emoyeni, iimbukuxana zeentwana ezingekayi sikolweni zithe bhakada bhazalala emgaqweni, zimbi zijweda emva koonina. Kukho iqela labatshakazana elathi lakubona igquba labafundi lisiza ngakubo, lazilahla iiemele, laqhawula ukuhlisa isitrato, iilokhwe zathwalwa ziimpundu, iingcondo zaxhola umhlaba. Ndidlule kumakhwenkwe ayencathame ngezindlu ephindisa ngeembokotho njengokuba amapolisa ayeleqisa nje. Ndingene nam ndachola utshalilanga, ndagibisela ngamandla, ayimvula amatye ukuya **elutshabeni**. Belisithi elichaniweyo liyilahle kude imvubu, libe sisibhene ukubalekela ngasezithuthini. Yasikhuthaza ke le nto, kuthi apho kuvuleke ithuba khona, zibhonge iimbokotho ukukhawulela amapolisa. Emva kwesidala ingumpu nembokotho, imbokotho nemvubu, kwabakho ipolisa elichanwa entloko, gqum, geqe phantsi lalutywantsi. Laxwaywa ngabalingane balo, bedudulwa ngamatye ngamakhwenkwe esikolo, sekungenelele nempi yaselokishini, oomahlalela. Yathi yakuhlehla eyoonongqayi, ikhatshelwa ngesiphango samatye, ndarhoxa, ndahlaba ngendlela egodukayo kuba nezithonga zemipu zaziseziyekile, iyimikhwazo efunzayo nengxolo yezinja esavakalayo. Sasiyaluzela isixeko, iyaluzela ingqondo yam. Idabi lalingaselelolabantwana besikolo kuphela ngoku, sekungenelele wonke umntu wesixeko. Iintokazi ezimabele made ziyiyizela zisithi eyona mfazwe ifikile. Ithi engakwaziyo ukugibisela ngembokotho, igibisele isithuko, igqibezele ngelithi, ‘naqhel’ amagwala, imini yenu yile, <u>ezi zinto zeba imihlaba yoobawo, bulala inja!!'</u>

11.1 Chaza utshaba athetha ngalo uMfazwe kwisicatshulwa. (2)

11.2 YINYANI/ BUBUXOKI okukwisicatshulwa okuthi, “ezi zinto zeba imihlaba yoobawo’? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.3 Khankanya isohlwayo asinikwe ngumbhali uFriday ngesenzo sobumpimpi abandakanyeke kuso kule noveli. (1)

11.4 Ingaba esi sicatshulwa sinika umelo oluhle lwezimo zabantu abangabahlali? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.5 Chaza zibeziBINI izenzo ezahlukeneyo zesipolisa ezikhulise ubuntliziyolukhuni kuMfazwe ezikule noveli. (4)

**ISICATSHULWA F**

Ndithe ukugqiba ndanqula abantu bomlambo ndibacela uxolo ngokubaphazamisa, ndakuzanelisa ukuba bandivile, ndingenile ndawela, akwenzeka nto. Ndihambe ndiyithelekelela indlela, ndaya kudlula kwilitye elikhulu awayethethe ngalo uJoma. Ukusuka apho iMgazi yayingekude kakhulu kodwa ingandithatha iiyure ezimbini ukuya kufika. Ndifune indawo elikhusi, ndakuyifumana ndahlala ndalinda intsasa. Kuthe kwakuthi qheke ukusa, ndathathisa kwakhona. Xa ndisuka kubekho into ethi mandibheke. Kwibalana lengca, nankuya laa mthendevu, ulijaja ligazi, uzilenca apha emikhonweni. He madoda! Yintoni kanye kanye le yenzekayo? Ndazibuza ndijika ndisiya kuwo. Xa ndifikayo, nja yayiphi. Yingqondo yam endibhanxayo, hayi, andiphazami, bendibona yona! Ndifike apho ibilele khona ndahlola. Kwakungekho nto ithi kwakukhe kwalala nto engceni. Kanti umntu uqala ngokuthini xa aza kuphambana? Ndahamba ixesha elide kungekho nto yenzekayo ngaphandle kokothuswa ziintaka neenyamakazana. Ndiyokuqabela iinduli, evelele uMgazi, wona ubonakala kude phaya, kude kakhulu. Ndithe ndahlala phantsi ndakhupha ufele lomzingeli kuba kuwo onke la manzithinzithi, ndandingekahlukani nalo. Ndiluvulile, yonke into yayisahleli kakuhle. Ndaziqhola ngawo onke lawa mafutha, ndahlafuna isijungqe sokugqibela somqwayito ndadibanisa nalaa magqatyana. Ndandisazibona ndifika kwi-ofisi esesazulwini sedolophu endandiyalathisiwe nguJoma ukuva kwam isithonga sikrazula intsasa. Ndive ngokunyela komlenze ukuba ndichaniwe.

11.6 Chaza into edibanisa uMfazwe noMgazi uxele nesiphelo sakhe kule noveli. (2)

11.7 Khankanya lubeluNYE ukhozi olumaphiko oluvele kule noveli. Cacisa isizathu sokuba utsho. (2)

11.8 Nika zibeMBINI izinto ezikwisicatshulwa ezidiza ukuba ibali liqhubeka kula maxesha okhanyo. (2)

11.9 Chaza ukuba esi sicatshulwa siwuvelise njani umxholwana wenkolo yesiNtu kuMfazwe. (2)

11.10 Cacisa ukuba esi sicatshulwa simphuhlisa njani ukuba uMfazwe ulilandele igama lakhe. (2)

11.11 Khawunike uMfazwe izilumkiso zibeziBINI ngoFriday wale noveli. (4)

**[25]**

**UMBUZO 12 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

**UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI – MMI SWANA**

Xoxa ngendima edlalwe kukujongelana phantsi nengoma ukukhulisa umxholo othi ungabokuwudela umqulu iyadi ungazibalanga kwintsomi ethi; '*Intsomi yeenyamakazana.'*

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI – MMI SWANA**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi lwemveli zingezantsi, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G (Intsomi)**

**INTSOMI KAKHETSHE NESIKHUKUKAZI**

Kwathi ke kaloku ngantsomi, kudala-dala iintaka zaye zithandana, zisendiselana njengabantu. Ngelo xesha ukhetshe ufike watshata nesikhukukazi, bahlalisana kakuhle, bathandana oku kusisimanga bada bafumana nabantwana. Kwalile ngenye imini, uKhetshe wemka esiya kuphandela usapho into etyiwayo eshiya isitshixo sendlu nomfazi. Ekuhambeni kwendoda isikhukukazi sicinge ngokuya kutyelela isihlobo saso ebesihlala mgama. Kule ngcingane yembutho sihambe nabantwana baso ukuze nabo bafumane ithuba lokuya kubona ilizwe. Sincokole, sancokola, sancokola nesihlobo eso saso kwahamba ixesha, kwabonakala ukuba lifikile ixesha lokuba usapho lugoduke. Lufike ekhaya umninimzi engekabuyi, abantwana beyimfe kukudinwa, belambile wada omncinane woyiswa kukunyamezela, wazibika kunina. Isikhukukazi sibe ngasikhangela isitshixo sokuvula indlu ukuze abantwana batye, tu ukuvela isitshixo. Sibhuqe, sabhuqa, sabhuqa sada sancama. Kusenjalo, kwenzeka elona sikizi kuba umntwana wasuka waqhawuka, itshoba lalala umbethe ngenxa yendlala. Uthe umntwana esandul'ukufa wagaleleka Khetshe, akayibona le ntlekele wavutha ngumsindo engxolisa umfazi wathetha wenjenje:'Ukususela namhlanje thina sobabini sahlukene. Kunjalo nje kuya kubanjalo nakwinzala yethu. Ookhetshe baya kubatya abantwana beenkuku kude kuvele esi sitshixo silahlekileyo. Uthe kuba atsho wabutha konke okwakhe wemka. Okwenene kwenzeka ngokuthetha kwakhe kuba nanamhla oku ookhetshe basawatya amantshontsho eenkuku. Isikhukukazi sona asikancami kuba sisaphikelele ukuphanda, siqhwaya emhlabeni nje, sisakhangela esaa sitshixo sikakhetshe ukuze sixolelane naye, kubekho ibuyambo ukuze abantwana babo bangabi saxhwilwa. Phela-phela ngantsomi.

13.1 Chaza isidingo esisungule iziganeko zale ntsomi. (2)

13.2 YINYANI/BUBUXOKI ukuba iintaka ziyendiselana umthetho wazo njengabantu? Xhasa impendulo yakho. (2)

13.3 Khankanya zibeziBINI izohlwayo esizifumanayo isikhukukazi ngesenzo sokubutha uKhetshe ephangele. (2)

13.4 Ingaba esi sicatshulwa sinika lumelo oluhle ngokwezimo zabantu ababhinqileyo? Xhasa impendulo yakho. (2)

13.5 Chaza zibeziBINI izenzo ezahlukeneyo zesikhukukazi ezingqina ukuba akukaxolelwana lolu sapho. (4)

13.6 Caphula naliphi ibinzana umbalisi alisebenzisela ukwenza libelifutshane ibali lale ntsomi. (1)

13.7 Nika imfundiso efumaneka kwizenzo zikaKhetshe zomsindo kule ntsomi. (2)

## ISICATSHULWA H (UMBUZO OMFUTSHANE)

**USILIMELA! Inyanga yokubala iminyaka yobudoda**

A! Silimela!
AmaNdlamb' amatsha!
Hay' amaNdlamb' amatsha!
Hay' amaNdlamb' amatsha!
Inkos' am, ngumntakaNdluzodaka,
Yindod' ezalwa ngabantwana ababini:
Izalwa nguMakinana noNopasi.
UNopasi yintombi kaMon' umhlophe kaNtshunqe,
Umhlophe kaNtshunqe kwaBomvana.
NguLuhad' igama lakhe,
Umbambo zemka zabuyelela:
Ngaphantsi kwelitye kukoyikeka,
Kuba zilaph ' iinzwana namadikazi.
………………………………………………..
Bizan' izizwe kuzokwabiwa iinkwenkwezi!
Iinkwenkwezi mazabiwe.
Nina beSuthu,
Thathan' uCanzibe,
Niya kwabelana namaTshawana nabaTshophi
Nazo zonk' eziny' iintlang' ezinezishuba.
Nina bakwaZulu,
Thathan' amakroza,
Niya kwabelana namaSwazi namaTshophi namaTshangana
Neziny' iintlang' ezingamajarha.
Nina baseBrithani,
Thathan' ikhwezi,
Niya kubambana namaJamani namaBhulu,
Noko nibantu bangakwaziy' ukwabelana:
Nisuka nenz' imfazwe yamaBhulu neyamaJamani.
Siza kubambana ngeSilimela thina mabandla kaPhalo,

Yona nkwenkwez' enkulu,
Kuba yinkwenkwezi yokubal' iminyaka,
Iminyaka yobudoda.
Ncincilili!
Ncincilili!

13.8 Nika zibeMBINI iindidi zeenkwenkwezi ezikhankanywa kwesi sicatshulwa sesibongo. (2)

13.9 Chaza ukuzalana okuphakathi kwembongi noSilimela okhahlelwayo ngokwesicatshulwa sesibongo esingentla. (2)

13.10 Xela ibemiBINI imisebenzi yenkwenkwezi iSilimela kumaXhosa ngokwesicatshulwa sesibongo esingentla. (2)

13.11 Nika zibeMBINI iimpawu zesibongo ezikwesi sicatshulwa sombongo. (2)

13.12 Chaza ingxaki anayo amaBhilitani ngokomqolo wama-27 nowama-28. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukususela kumbuzo 14 ukuya kumbuzo 17.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube MNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama). Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwinoveli/Ncwadi lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).

### UMBUZO 14 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### BUZANI KUBAWO – WK TAMSANQA

Ngqina ukuba iziphumo zokuqweqwedisa ezikule drama zingafundisa ngobungozi bokubambelela kwizithethe ezidala xa kungenelana amaxesha entlalweni.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zedrama uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA I

UMAGABA: Kanti nangoku ukuba bekuthetha mna, bekungekho ntombi yimbi ibiya kuthathwa nguGugulethu ngaphandle koThobeka. Koko andinakunceda, abantwana esibazeleyo abasiva, abafuni kwenza nto ithethwa ngabazali, bafuna ukwenza into ephambi kweengqondo zabo. Yaphela laa nto yakudala ebethi umfana abonelwe ngabazali umfazi, eve yena selexelelwa intombi amakayizeke. Ithi ukuba yintombi ive sekusithiwa: ‘Ntombi yiya kwazibaningeshe, sikwendisela khona ngemvisiswano yabazali‘, kungagqitywanga nayo.

UNOZIPHO: Uwo bawo! Ingathi ndiyabona xa ndinokusiwa entweni, nokuba ineliso elinye, ndingathandi. Uxela nje nawe Gaba usithi, ‘laa nto yakudala’. *Lelinye ixesha eli sikulo ngoku*. Amaxesha ngawokhanyo.

UMAGABA: Yiyo ke le nto zinguqulukubhode izinto zale mihla yenu nithi yeyokhanyo. Oonyana neentombi zabantu ngezi mini bayabhutyuza, abakwazi abakwenzayo ngenxa yokuba kaloku kubanjwe amasiko asezintlangeni kwalahlwa awasekhaya. Kanti ke ngoko, zazingekho ezi zinto zenzeka ngale mihla: la manyundululu okuqhawulwa kwemitshato; oku kungevani koonyana nooyise; oku ngevani koomolokazana nooninazala; zazingekho, kuba kaloku umtshato ubuyinto ezukileyo, usikelelekile, kuba indlu isekwe ngabazali, ooThixo bomzi.

Andiyazi le yangoku into ekoze kuthi umntu ezibonele umfazi, ubone kusasa seyilukrozo kusiyiwa edolophini. Yintoni? Kuququa ezinkundleni kuqhawulwa umtshato. Ungazi ke ngoku ukuba umntu seledikwe yintoni na kwakusasa, ebezibonele nje kaloku into yakhe.

15.1 Chaza uThobeka okule drama. (2)

15.2 YINYANI/BUBUXOKI uluvo lukaMagaba olunomgca ngaphantsi ngokwale drama? Xhasa impendulo yakho.

... abantwana esibazeleyo abasiva, abafuni kwenza nto ithethwa ngabazali, bafuna ukwenza into ephambi kweengqondo zabo. (2)

15.3 Cacisa unobangela wempixano ekulo mdlalo. (2)

15.4 Le drama iyafundisa ngobuthathaka nesohlwayo esifunyenwe nguMaGaba. Ngqina olu luvo. (Impendulo mayikhankanye isifundo, ubuthathaka bukaMaGaba nesohlwayo asifumeneyo.) (3)

15.5 Chaza ngeendlela eziMBINI ukuba kubonakele njani ukuba ibali lale drama liqhubeka ngamaxesha okhanyo. (2)

15.6 Xhasa okanye uchase uluvo oluthi, ‘... abazali, ooThixo bomzi’ ngokwale drama. (2)

## ISICATSHULWA J

| | |
|---|---|
| UNYANISO: | Utsho ke umfana zidwesha. |
| UZWILAKHE: | Utsho, ke nina nithini? |
| UMTHETHO: | **Noko mna bendivuma mawethu**; andazi ke nina nokuba nithini na. Xa nditshoyo andinqandi luvo lwenu. |
| UZWILAKHE: | Noko ke mawethu xa kunje ndingxamele ukuba liyilo. Ndingxamele ukuba liyilo kanye xa inguwe kanye mfo kabawo Mthetho lo uvumela into elolu hlobo, usithi umfana makazibonele umfazi akholwe nguye, ibe izolo oku bekutshata umfana wakho, umfana wakho oyibonelwe nguwe intombi. Kutheni na nto zakuthi ngathi nifuna ukuwona nje lo mzi kaBhungane? Lisiko enakha naliva phi elo apha emaHlubini, eli lokuba umfana azibonele umfazi ooyise bekho bengafanga? Ooyise balo mfana baye phi? Batyhaphake amehlo kusini na? Ukuba kunjalo, yiyekeleni kum, ndikho mna andikafi; aye la mehlo am asabona omabini akakabi nkungu. Uza kuxelelwa ndim intombi amakeze nayo kulo wakowethu umzi, intombi eza kundondla. |
| UNYANISO: | Utsho ke uyihlo mfana wam, utsho ezindlebeni kuwe akakubhaleli engakubetheli ngcingo, nawe uyamva. |
| UGUGULETHU: | Noko bawo andaphuli siko. *Ndincede Mthimkhulu, ndincede Ndlebentle, ndincede Mashwabada* ndiyeke ndithathe intombi ethandwa ndim. |
| UZWILAKHE: | Mfana wam mus' ukuthi akwaphuli siko – utsho ulikroboza. Esi sicelo usenzayo ngoku uthi mandikuncedise saphule isiko lalo mzi waseMahlubini, into ke leyo endingayingene. |

15.7 Chaza isiko ekuthethwa ngalo kwintlanganiso ekwisicatshulwa. (2)

15.8 Intetho kaMthetho ebhalwe ngqindilili imbeka kuliphi icala lempixano ekule drama? Xhasa impendulo yakho. (2)

15.9 Ngokolwazi lwakho lwebali phawula ngombuzo kaZwilakhe othi,

‘Ooyise balo mfana baye phi? Batyhaphake amehlo kusini na?’ (2)

15.10 Ingaba umbhali wale drama uluchasile ulwaphulomthetho? Xhasa uluvo lwakho ngokuqwalasela indlela aphetheke ngayo uGugulethu kule drama. (2)

15.11 Ingaba iziphumo zokusebenzisa ulwimi olubhalwe bukekela zahambelana nenjongo kaGugulethu yokulusebenzisa? Xhasa impendulo yakho. (2)

15.12 Zimfundisa ntoni izenzo zikaThobeka umfundi walo mdlalo? (2)

**[25]**

## UMBUZO 16 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

## INDLAL'INAMANYALA – M. LAMATI

Ngqina ukuba iziphumo zokungakwazi ukuzeyisa ezikule drama zingabafundisa abantu abakwiimeko zendlala ngokuthatha izigqibo.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama 340–390. **[25]**

**OKANYE**

## UMBUZO 17 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda ezi zicatshulwa zedrama zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

## ISICATSHULWA K

| | |
|---|---|
| UMAGRAZULA: | Makusetyenzwe ke ngoku Dlezinye. Ishishini likaMagrazula malibuyele emgangathweni walo wangaphambili. |
| UDLEZINYE: | Thole lesilo, lisisilo ngokwalo! Ndiyakuva nkosi yam. Mna ndisisicaka senkosi yam esithembekileyo nje, ndiya kwenza loo nto iNkosi yam ithi mandenze yona. |
| UMAGRAZULA: | Nantso ke into efunwa nguMagrazula kwisicaka sakhe: intembeko, ukuzithoba, ukululama, nokukhuthala. |
| UDLEZINYE: | Ndabezitha! akukho nalunye uphawu endisilelayo ngalo kwezi uzibalayo. |
| UMAGRAZULA: | Phulaphula ke Dlezinye. |
| UDLEZINYE: | Mhlekazi! |
| MAGRAZULA: | Kule ntlanganiso ibiseThekwini, sifikelele kwizigqibo zokuba sikhe siziyeke iintloko ezi kuba zisuke zanomjojo omninzi. Siza kukhe sisebenze ngeentsana ngoku. |
| UDLEZINYE: | Thole leduna! |
| UMAGRAZULA: | Sifikelele kwezo zigqibo ke kuba sicinga ukuba iintsana ziza lula kuneentloko. |
| UDLEZINYE: | Umdala Magrazula! Akuyontanga yabantwana! |
| UMAGRAZULA: | Zaye ke iintsana ziya kuthwaleka lula kuneentloko. Kaloku akukho mntu unokukukrokrela xa uzibelekele usana lwakho. |
| UDLEZINYE: | Ingathi uhlabe ukhangele Mhlekazi. |
| UMAGRAZULA: | Ingxakana nje esinayo yile yokuba, kuza kufuneka sisebenzise abafazi, izinto ezingenasibindi ke ezo, kuba kaloku indoda ebeleke usana iya kusuka idule okwebhokhwe ehlungwini. |
| UDLEZINYE: | Ndifuna nje ukukulungisa kule ndawo yabafazi nezibindi Mhlekazi. Abafazi banezibindi ukufa, nto nje abafuni ukuba iqondwe loo nto. |
| UMAGRAZULA: | Nto endiyifunayo ke ngoku Dlezinye kukuba uye kundifunela aba bafazi baza kusiphathela ezi ntsana. |

17.1 Chaza umlinganiswa onguMagrazula okule drama. (2)

17.2 YINYANI/BUBUXOKI ukuba uMagrazula akakhangelwa nokukhangelwa ngamapolisa ngemikhuba yakhe eqhuba kule drama? Xhasa impendulo yakho. (2)

17.3 Cacisa unobangela wempixano ekulo mdlalo. (2)

17.4 Le drama iyafundisa ngobuthathaka nesohlwayo esifunyenwe nguMaGatyeni. Ngqina olu luvo.
(Impendulo mayikhankanye isifundo, ubuthathaka bukaMaGaba nesohlwayo asifumeneyo.) (3)

17.5 Chaza ngeendlela eziMBINI ukuba kubonakele njani ukuba ibali lale drama liqhubeka ngamaxesha okhanyo. (2)

17.6 Xhasa okanye uchase uluvo olungezantsi ngokwale drama.

‘Zaye ke iintsana ziya **kuthwaleka lula kuneentloko. Kaloku akukho mntu unokukukrokrela xa uzibelekele usana lwakho.**’ (2)

**ISICATSHULWA L**

| | |
|---|---|
| UDLEZINYE: | Ngxatsho ke! Uya kuba sesiya singawothiyo umlilo sona isityebi esi ukuba uthe wenza njengoko ndiza kukuyalela ngako. |
| UMAMQHINEBE: | **Ndiya kuyenza yonke into oya kundiyalela yona bawo**. Ubuhlwempu asiyonto ungayipha mntwak’ anyoko. (*Kungena uMaGatyeni).* |
| UMAGATYENI: | Nkqo nkqo! |
| UMAMQHINEBE: | Yima apho phandle MaGatyeni! Mus’ ukungena maan! Ndithe kuwe yima apho phandle! |
| UMAGATYENI: | Awu! Kutheni na namhlanje mfazi, wandimisa phandle? Konakele phi? |
| UMAMQHINEBE: | Awunakuzazi zonke izinto eziqhubeka kule mizi yonke MaGatyeni, njengoko nathi singenakuzazi zonke izinto eziqhubeka phaa kwakho. |
| UMAGATYENI: | Hay’ uxakanisekile mpela namhlanje mfazi. Noko ke ndicela uxolo ukuba ndikuhambele ngexesha elibi. |
| UMAMQHINEBE: | Ndixakekile aph’ endlwini MaGatyeni. Thetha le nto uyihambeleyo sikhululane. |
| UMAGATYENI: | Hayi Qhinebe bendicela nje nokuba yikomityi yemilimili. Kunzima kula mzi. |
| UMAMQHINEBE: | Kowu MaGatyeni! Sowuyenze ntoni la mali ubuyenze edolophini izolo oku? |
| UMAGATYENI: | Ndihlawule ngayo amatyala mfazi. Kaloku ndibolile ngamatyala. |
| UMAMQHINEBE: | *Yim’ apha ke ndiyeza. Ungenzi enye into ke ngaphandle kwale ndikuxelela yona yokuba yima apha.* |

| | | |
|---|---|---|
| UMAGATYENI: | Hayi ndivile mfazi. Andinakukhe ndilinge ndizame ukwaphula umthetho wakho. (*Angene endlwini uMamQhinebe*, *ashiyeke uMaGatyeni ethetha yedwa*.) Konakele phi na. UMamQhinebe andizange ndimbone eziphethe ngolu hlobo aziphethe ngalo namhlanje. Yintoni le inkulu kangaka bethu ayifihlayo lo mfazi? Ikho ko ... | 25 |

17.7 Chaza ubuhlwempu nobunzima abathetha ngabo oomama kwisicatshulwa. (2)

17.8 Intetho kaMamQhinebe ebhalwe ngqindilili imbeka kuliphi icala lempixano ekule drama? Xhasa impendulo yakho. (2)

17.9 Ngokolwazi lwakho lwebali phawula ngokunyebelela uDlezinye anyebelela ngako uMamQhinebe xa athi;

‘Uya kuba sesiya singawothiyo umlilo sona isityebi esi ukuba uthe wenza njengoko ndiza kukuyalela ngako.’ (2)

17.10 Ingaba umbhali wale drama uluchasile ulwaphulomthetho? Xhasa uluvo lwakho ngokuqwalasela indlela aphethe ngayo uMaqhikizane kule drama. (2)

17.11 Ingaba iziphumo zentobeko kaMaGatyeni kuMamQhinebe esikrobisa kuyo intetho yakhe engezantsi zahambelana nenjongo yokuphelisa indlala kwakhe? Xhasa impendulo yakho.

‘Andinakukhe ndilinge ndizame ukwaphula umthetho wakho.’ (2)

17.12 Bumfundisa ntoni ubomi bukaSiqhiwu kule drama umfundi wayo? (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**